**ISEBE LEMFUNDO LASEGAUTENG**
**UVAVANYO LWEBANGA LESHUMI ELINESIBINI**

**ISIXHOSA ULWIMI LWENKOBE**
**INQANABA ELIPHEZULU**
**(Iphepha Lesibini)**

# POSSIBLE ANSWERS OCT / NOV 2006

## UMBUZO 1

| | | |
|---|---|---|
| 1.1 | Sisihobe sanamhlanje. | (1) |
| 1.2 | - Imbongi isiqingqe ngokwemihlathi emihlanu, umhlathi ngamnye unemigca emine. | (1) |
| | - Imigca yesihobe iyalingana kuba mifutshane, imbongi yakha isingqisho. | (1) |
| 1.3 | Imbongi iyagxininisa kwakhona yakha isingqisho. | (2) |
| 1.4 | Abantwana babengaqondi ukuba kwenzeka ntoni kanye | (2) |
| 1.5 | Hayi. Umakhulu wayebona ukutaka kweentlantsi embizeni. | (3) |
| | | **[10]** |

## UMBUZO 2

***Aweselwa 3*** **– W.M. Kwetana**

| | | |
|---|---|---|
| 2.1 | | |
| 2.1.1 | Yindumasiso. | (1) |
| 2.1.2 | Ngoburharha. / Ngokuba ngamagolisa. | (1) |
| 2.1.3 | Imvano - siphelo / Ushiyo lwezikhamiso. | (1) |
| 2.1.4 | Intlungu yonke enayo iyibhekisa kuYehova. | (2) |
| 2.1.5 | Kukudana. / ukuphoxeka kwabantu ngenxa yesi sehlo. | (2) |
| 2.1.6 | Luchasaniso. | (1) |
| 2.1.7 | Ukusebenza nzima kwalo mntu ubongwayo. / nkuxakeka. | (2) |
| 2.1.8 | Kumhlathi wesithathu. / wokugqibela. | (1) |
| 2.1.9 | Yakha isingqisho. | (1) |
| 2.1.10 | - njengethintith' uMosisi / okweZulu. | |
| | - njengo Gabriyeli | (2) |
| 2.1.11 | Ukuthumeka kwalo mntu ubongwayo. | (1) |
| | | **[15]** |

## UMVANDEDWA

2.2

Lo mhobe unemihlathi emithathu. Umhlathi ngamnye unemigca esixhenxe. Imigca kumhlathi ngamnye iyalingana okanye ibulingana. Injongo yembongi ngokuwuqingqa olu hlobo kukwakha isingqisho.
Kumhlathi ngamnye sifumana ushiyo lwezikhamiso. Injongo yembongi kukwakha isingqisho. Kwakhona olu shiyo lwezikhamiso lubumba intetho.
Atsho amagama amabini nangaphezulu abizeke okwegama elinye. Ngaloo ndlela imbongi yakha isingqisho.

UMHLATHI 1 - Imbongi ivula isihobe sayo ngombuzo-buciko. Injongo kukusivula ingqondo okanye ukubethelela ingcamango ethile ezingqondweni zethu.
Imigca 2 nowe 3 sibona imvano-siphelo eyakhiwe ngokuphinda-phinda igama ‘umntu’. Imvano siphelo yakha isingqisho.

UMHLATHI 2 - Kwimigca emithathu yokuqala imbongi isebenzise imvano-siqalo u-‘U’, yakha isingqisho. Imigca yonke kulo mhlathi ibonakalisa imvano - siphelo.
Imizekelo: Imigca 8 nowe 9 iphela ngo -‘ni’. Imigca 10 nowe 11 iphela ngo ‘lisa’. Imigca 12 - 14 iphela ngo ‘azi’. Le yimfano-zandi ethi yenze imvano-siphelo. Imbongi yakha isingqisho.

UMHLATHI 3 - Imigca 15 nowe 16 imbongi iphinda-phinde ibinzana lamagama ‘umniniyo yedwa’ Uphinda-phindo lwakha isingqisho kwakhona luyagxininisa.
Olu phinda-phindo lusekugqibeleni, imbongi yakha imvano-siphelo esinika singqisho. Kwimigca 19 - 20 sifumana imfano-zandi, umz. ‘thezi’ imbongi yakha imvano-siphelo esinika isingqisho. Kwimigca - 17, 20 no 21 sifumana imfano-zandi. Le migca iqala ngesandi u ‘N’, imvano-siqalo yakha isingqisho. **[15]**

2.3

| | | |
|---|---|---|
| 2.3.1 | Intliziyo le ayinanyaniso. / ilixoki. | (2) |
| 2.3.2 | Kaloku ubunzulu bentliziyo yomntu awungeke ubazi bufana nqwa nolwandle ongeke ufikelele emazantsi enzulwini yalo. | (2) |
| 2.3.3 | Imvano-siqalo Imvano-siphelo:  noshiyo lwezikhamiso. | (2) |
| 2.3.4 | Imigca 5 nowe 6. / Angacaphula imigca | (2) |
| 2.3.5 | Imigca 9 nowe 12. / Angacaphula imigca | (2) |
| 2.3.6 | Ubethelela ingcamango ethile ezingqondweni zethu. / Usivula ingqondo. | (1) |
| 2.3.7 | Ukungabi nanyani oku kwentliziyo. / Ukungathethi nto nye / ukukhohlisa. | (2) |
| 2.3.8 | Intliziyo. | (1) |
| 2.3.9 | Ngabantu abalimele emoyeni nasenyameni ngenxa yentliziyo. | (1) |
| | | **[15]** |

**OKANYE**

2.4

| | | |
|---|---|---|
| 2.4.1 | Sisibongo somthonyama. Imbongi isivula ngokukhahlela: A! Mkrazuli! Akukho ukuqingqwa kwemihlathi nemigca. Isivala ngamazwi athi 'Ncincilili'. Ziimpawu zesibongo somthonyama ezi. | 1x3=(3) |
| 2.4.2 | Sisikweko nesigqebelo. | (2) |
| 2.4.3 | Umgca - 7 / Lithole lesirhorho uNkos' uMkrazuli. | (1) |
| 2.4.4 | Ziingxangxasi neziziba. | (2) |
| 2.4.5 | Ibonisa ubungozi kule milambo. | (2) |
| 2.4.6 | Sisifaniso. | (1) |
| 2.4.7 | Yimfano-zandi eyakhiwe ngesandi u 'Z' kunye noshiyo lwezikhamiso. | (2) |
| 2.4.8 | NguTshawe. | (1) |
| 2.4.9 | Lunqamleziso. | (1) |
| | | **[15]** |

**[40]**

## ICANDELO B

### UMBUZO 3

3.1.1 Lo mdlalo uqhubeka elokishini, eNyanga, kwidolophu yaseKapa. Lixesha lale mihla siphila kuyo. Abantu balapha baphila ubomi bempucuko. Kaloku sibona amashishini wabo. UMpahla noDlangisa bangooSomashishini, ukanti noZinzo wayekhe waba nayo ivenkile koko yatshiswa ziintshaba zakhe.
Bangabantu abaneemali zabo, bafundisa abantwana babo kumaziko aphakamileyo emfundo. UBhongo noBulelwa baseYunivesithi, ukanti noSpeedo ligqwetha.
UDlangisa noNomaTshawe banemali eninzi kwaye banxiba iindwangu zezinxiba-mixhaka. Kukwakho namakholwa apha. Kukho umfundisi uMgqwaki olikholwa lenene, ukanti bakwakho naba bazenza amakholwa kodwa izenzo zabo zingangqinelani nenkolo yabo, abafana nooDlangisa, Cirha noMaMntakwenda.
Aba badlali abanawo umoya wenkolo. Bayachukelana, bayazondana, batshiselana zivenkile kuyiloo nto nje. Abanye abananyani.
Sikwafumana neqela lemigulukudu / izikrelemnqa eziphehluzelisana nobomi babanye abantu. Ngenxa yobu bukrelemnqa, kukwakho namapolisa afuna izaphuli-mthetho.

**[10]**

3.1.2
Itayitile yale ncwadi ithungelana ncam nomxholo wayo. **Inzonzobila -**
Eli gama libhekisa kwindawo enzulu kakhulu phaya esizibeni. Inzonzobila ke iyoyikeka, kwaye iyingozi ngenxa yobunzulu bayo. Nokuba abantu bayaqubha phaya emlanjeni, abasondeli kwinzonzobila ngenxa yobungozi bayo. Nothe ngelishwa wangena kuyo, amaxesha amaninzi akabuyi ephila kuba kaloku kungakho nookrebe kuyo.

Incwadi le ithiywe ngomnye wabalinganiswa abaphambili, uNomafa, ongumphixanisi. UNomafa lo unzulu ngokwenzonzobila. Uyingozi kakhulu ngakumbi kumyeni wakhe, uZinzo. Inzonzobila ke awunakubuqonda ubunzulu bayo, ude uzivele kungoko kukho iqhalo lakwaXhosa elithi 'Isiziba siviwa ngodondolo'
NoNomafa ke unjalo ncam. Ayiqondakali inkohlakalo yakhe kuba ubonakala engumntu othobe kakhulu, ade aqwele ngokwambatha ibhatyi yamanina, akhangeleke okwekholwa lenene, kodwa izenzo zakhe ziyoyikeka.
Lo mama wacholwa ngumfo wakwaQadi, ehosana oluloomvu. Le ndoda inguZinzo yamthanda yaza yamtshata.
UNomafa akazange ade amxelele uZinzo ukuba wenzakaliswa ngubani?
Wafumana umntwana oyinkwenkwe, uBhongo nowakhuliswa nguZinzo emthanda, emphethe okomntwana wakhe ncam. UDlangisa kuthe akungafumani bantwana kwinkosikazi yakhe, wabuya wayinto ibila kuZinzo, efuna lo Bhongo ungunyana wakhe, phofu kuZinzo kurhidiwe. Wayedla ngokuthuka lo Zinzo, emonyelisa ngezimbi izenyeliso ezi. UNomafa nowayewazi unobangela wolu chuku lukaDlangisa, watya tyum. UDlangisa noZinzo bagqibela beyinyoka nesele, maxa wambi bafunane eziqwini. Kodwa lo mama wayezenza ongenalwazi lesizekabani solu chuku lukaDlangisa kumyeni wakhe.
UBhongo yena wayesazi utata wakhe inguZinzo noxa wayeselengaphezu kweminyaka imashumi mabini ubudala. Lo mama akazange amxelele inyaniso umntwana wakhe.
Ekugqibeleni kwenzeka omkhulu umonakalo lo kuba uDlangisa wagqibela etshise iivenkile ezimbini, ekaZinzo nekaMpahla eyayiza kusetyenziswa nguZinzo kuba engafuni ukubona uZinzo ephumelela. Kwenye yezo venkile
kwafa unyana kaMfundisi ngokutsha. Umzi kaZinzo waqhekezwa kwaza kwathwalwa yena Nomafa kuba uDlangisa efuna ukugcagca naye noBhongo.
Omnye umntu owachaphazeleka kakhulu yile mfihlo kaNomafa ngumnakwabo uPozina. UPozina lo wada wazibhaqa engenela umsebenzi wobupolisa kuba efuna ukubamba isikrelemnqa esangcungcuthekisa udade wabo, (yena Nomafa). Kaloku ebuntombini bakhe washiywa exhwitheke okwexhalanga nguDlangisa nowamngcungcuthekisa kakhulu akuba emxelele ngomonakalo wakhe.
Wancama uPozina akayifumana tu inyaniso kudade wabo, de wazinikezela ebupoliseni kuba efuna ukubamba eso sikrelemnqa sashiya lo Nomafa engumalahlwa mofele. Nalapho uNomafa akazange abe novelwano ngomnakwabo, watya tyum. Nakulo msebenzi uPozina wayehambisana nezikrelemnqa kuba ekholelwa uya kuze asifumane eso sikrelemnqa senzakalisa usisi wakhe.

Emva kokutsha kwevenkile kaMpahla,
UDlangisa waya kuxelela uBhongo inyaniso, esithi nguye oyena tata wakhe, hayi laa nja inguZinzo ingazaliyo. Kulapho kwavela khona inyaniso emva komonakalo omkhulu. UNomafa endaweni yokukhulula umyeni wakhe ngokumxelela inyaniso, wayexolele ukufa nayo. Ngalo lonke elo xesha uzibiza ngekholwa. Inene lo mama **yinzulu yenzonzobila** nguye ekuthiywe ngaye le ncwadi. Itayitile yayo iyangqinelana ncam nomxholo. (20) **[30]**

3.2

| | | |
|---|---|---|
| 3.2.1 | NguPozina. | (1) |
| 3.2.2 | Ngunyana kaMfundisi uNtlane. | (1) |
| 3.2.3 | NguMnu. Mpahla. | (1) |
| 3.2.4 | Kaloku uyise wasweleka ngoko ke akathethi nyani, uyabhuda kuba etyile.. | (2) |
| 3.2.5 | UThembela uye watsha, wafela apho evenkileni. | (2) |
| 3.2.6 | NguDlangisa noZinzo. | (2) |
| 3.2.7 | Kwaqhekezwa umzi kaZinzo, kwaxhwilwa inkosikazi yakhe. Kwatshiswa ivenkile kaMpahla, kwafela uThembela apho. | (2) |
| | **Isicatshulwa 2** | |
| 3.2.8 | NguDlangisa noBhongo. | (2) |
| 3.2.9 | NguZinzo. | (1) |
| 3.2.10 | Kaloku uDlangisa uyamzonda kuba ekhulise uBhongo ongunyana kaDlangisa. | (2) |
| 3.2.11 | Usiwe eHotela iWinchester, e-Sea Point. | (2) |
| 3.2.12 | Ungumntu oneemali zakhe, amashishini okwaligosa lesekethe. | (3) |
| 3.2.13 | Kukunyamalala okwethutyana, okwenkwili itshone phantsi kwamanzi. | (2) |
| 3.2.14 | 'Intlwa ayibanjwa ngentloko isavela.' | (1) |
| 3.2.15 | Noxa uBhongo ezalwa nguDlangisa, yena akayazi loo nto. Akanakumginya ncam kuba uDlangisa ngulowo ulwa noZinzo nowaziwa nguBhongo njengo-yena tata wakhe. | (3) |
| 3.2.16 | Besaxoxa njalo kwangena uPozina, uZinzo, noNomafa. Bayiva yonke ke le ngcombolo. Kwaba kukuvela kwenyaniso eyayifihlwe iminyaka nguNomafa. | (3) |
| | | **[30]** |

## ICANDELO C

### UMBUZO 4

4.1

Lo mqondiso wenyoka uthetha lukhulu ngezigigaba ezehlele uSimeli njengoko ethe swii nguYoliswa. Inyoka le asinto ithandekayo ngenxa yobungozi bayo. Inyoka ingakulimaza okanye ikubulale ufe fi ungayiboni. Ngokunjalo ke nomfo wakwaSixaba wayengabuboni ubungozi okanye ubunyoka bukaYoliswa. UYoliswa wavela kuye emhle ngokwenene kwaye ebonakalisa uthando kule ndoda. Naantso nayo ithabatheka bobu buhle nolu thando ingayiqondi ingozi elengela kuyo. Ngokwalo mqondiso uSimeli wayengayiboni le nyoka iza ngakuye, elibele kukujonga uYoliswa emehlweni wada wanga udengile, kanye oku kwesele lijongwe yinyoka. Ngenene uSimeli wayengabuboni ububi bukaYoliswa, ethe swii luthando wada wanga lisele lidengwe yinyoka.
Ekuhambeni kwethuba uYoliswa lo wangena gqitha epokothweni kaSimeli wamtyela imali. Esi senzo singqinelana namazwi kaYoliswa kulo mqondiso ungasentla athi "Iya kuze ingene apha etasini ulele ngenye imini." Enyanisweni yayisele ingenile uSimeli elibele kukulala. Akaneliswanga yileyo, wangenela umzi wakhe ngegqudu. Kaloku ngulo ebetsalela inkosikazi kaSimeli iminxeba, eyinxwala okanye ayithuke. Akuva ukuba iyavuthwa imbiza ayiphekileyo, waqalisa ukuba nesikhwele engafuni uSimeli aye emzini wakhe. USimeli wazibhaqa enesithembu esinzima. Akubanga lula ukumkhupha uYoliswa ebomini bakhe. Kaloku iChwamakazi eli lalise lizitsho zaphelela iinzipho zalo kule ndoda. Lalisitsho nokutsho ukuthi "Etshatile engatshatanga ndiyamthanda."

Lalingahloniphi umzi wale ndoda, kunjalo nje lalizimisele ukuwuchitha uphele nya. USimeli wayeqale le nto ngasese, ezama ukuyifihla nokuyiba kowakwakhe, kodwa yagqibela isaziwa nguwonke-wonke nditsho nasempangelweni kuba uYoliswa wayemtsalela ngakwicala lakhe lo mfo.

Wayengonqeni ukuzidlulisa ngasemzini kaNokwanda, afake iwigi nezipekisi ezimnyama, efuna ukubona uNokwanda. Wayefuna nokuthelekisa ukuba ngubani omhle kuye noNokwanda? Ucinga ukuba babegagene noNokwanda kwakunokwenzeka ntoni? USimeli wasukela intaka endala esiba lintshontsho. Kucacile le ntwazana yayiqhelile ukuchitha imizi yabantu. Mve xa wayencokola noNomvelelo ebalisa impatho-ntle yamadoda atshatileyo.
Washiya uNomvelelo ekhamise ng' a yena mntu ucinga ukuba utshatile.
UYoliswa wayewazi ukudlula noNomvelelo lawo amadoda anemizi.
NoSimeli wazibhaqa sele exakene nento. Kwathi sekukudala wabiza imali yakhe kule ntwazana. Wothuswa yimpendulo yayo eyathi uya kuyifuna nokuba angayifumana njani na? Wothuka uSimeli wakhuza akayeka esithi irente yayo iphakeme. Kulapho lwafikelela esiphelweni olo thando lwabo, kodwa lushiya uSimeli ekhwina ngenxa yokutyelwa imali nangenxa yokuxatyaniswa nenkosikazi yakhe.

Lo mqondiso ubonisa uSimeli ngengozi wayejongene nayo emehlweni kodwa engayiboni. "Lumkela inyoka" Ukuba wayeyazi intsingiselo kwakumele abaleke ngoko zingekonakali kakhulu izinto. Phofu ke wafunda isifundo angasokuze aphinde asilibale ebomini bakhe **ukusukela intaka endala eba lintshontsho nokulahla imbo yakhe ngophoyiyana.** **[20]**

4.1.2
Naziphi na izimvo zomvavanywa azinakugatywa xa athe wazixhasa ngokuvokothekayo:
Phakathi kweempendulo ezinokulindeleka, nanzi ezinye:

EVUMAYO :
USimeli yindoda emadodeni. Akulunganga indoda ithiwe qhiwu ngempumlo ngumfazi. Kaloku ngesiNtu indoda ayilindwa, kwaye inalo ilungelo lokuncuma namanye amabhinqa ukuze ibonwe ukuthi ayilalanga / ayityiswanga ivamna ngumfazi. USimeli akazange enze nyala ngokuthandana noYoliswa, koko ubonise impilo. Indoda ayigugi ngako oko ke kuhle xa iman' ukuncuma ecaleni. Indoda egadene nenkosikazi yayo kuphela iyamatha, ufike nale nkosikazi sel' iman' ukuyithuma, iyithuka okomntwana naphakathi kwabantu. Nayo ke ufike sele ilalazela apha emva kwenkosikazi yayo ngathi ayibhadlanga.
Namandulo phaya isithembu esi kwakuyinto ekhoyo kwaye ikhuthazwa kookhokho bethu. USimeli unalo ilungelo elipheleleyo lokuthandana noYoliswa xa emthanda. Kuphela nje ubefanele ukubanelisa bobabini, uYoliswa noNokwanda kungabikho okhalazayo kubo. Enye into abafundise ukuhloniphana. Ngakumbi uYoliswa ubemele ukumnika indawo yakhe uNokwanda.
Ndimxhasa ngokupheleleyo uSimeli kwesi senzo. Makukhunjulwe kwakhona ukuba ubalo lubonisa abantu baseTyhini bebaninzi ukudlula abasebuhlanti. Ngoku xa abanye bengenabo abayeni babo kuthiwa mabathini? Baya kuthini ooSimeli ukunganikezeli uncedo apho lufuneka khona? Oxhel' eyakhe akabuzwa. USimeli mdala, kwaye uqiqe kakuhle phambi kokuba enze.

ELANDULAYO :
USimeli lo isenzo sakhe asilunganga, ubonakalisa ukungathembeki nokungamthandi ngokwaneleyo unkosikazi wakhe. Makakhumbule izifungo awazenza phambi koThixo, akhumbule nezithembiso zakhe kuNokwanda. Angathini ukulahla imbo yakhe ngophoyiyana? Le ndoda ibihleli kakuhle kakhulu nenkosikazi yayo. Naako ivumela uSathana adunga-dunge uxolo emzini wayo. Yindoda ibihlonitshwa ngabo bonke abayaziyo. Angathini ukusukela intwazana engangoYoliswa akugqiba ukuba mdala kangaka? Isenzo sakhe sibonakalisa ukuzehlisa isithunzi.
Enye indawo agxekeka kuyo yile yokudelelisa uNokwanda ngoYoliswa.
Nangoku uYoliswa umqabulile amtyele imali, akwaba ebeyitye yonke ukuze azokwazi ukubhadla ngomso. Lo tata uzele amakhwenkwe.
Mfundiso ni ayigqithisela kubantwana bakhe xa ajika bumini abe sisibhovubhovu esikhamana nomfazi? Lihlazo eli. Kona kutheni esiva amantyontyelo ooMabhovu nooMkwena, abafuna ukumthoba isidima.
Uthini ngeli qela alikhokelayo? Baya kuphinde bamhloniphe njani xa yena engakwazi ukuzihlonipha?
Ndimgxeka kakhulu uSimeli uziphoxile, waphoxisa nangoNokwanda.
Limenemene lendoda uNokwanda asokuze aphinde amthembe. **[10]**

**[30]**

## OKANYE

4.2

| | | |
|---|---|---|
| 4.2.1 | NguNokwanda noMaXaba. | (2) |
| 4.2.2 | Emzini kaSimeli / kaNokwanda. | (1) |
| 4.2.3 | Ngumzala kuso. | (1) |
| 4.2.4 | Ngunyana kuso. | (1) |
| 4.2.5 | NguSimeli noYoliswa. | (2) |
| 4.2.6 | USimeli wathandana noYoliswa akugqiba ukuba nenkosikazi nabantwana. UYoliswa akabonakalisi ntlonipho kuNokwanda noyinkosikazi kaSimeli. UNokwanda nomyeni wakhe bayalwa ngenxa yesi senzo saba babini. | (4) |
| 4.2.7 | (a) USimeli yintloko kweli bali. | (1) |
| | (b) UYoliswa ngumlinganiswa ongumchasi. | (1) |
| | (c) UNondotsololo yena ngumphixanisi. | (1) |
| 4.2.8 | Kukuthabatha isigqibo esithile ngenxa yokuqhutywa ngumsindo. | (2) |
| 4.2.9 | Babini. | (1) |
| 4.2.10 | Hayi wohluleka. USimeli akazange avume ukuxoxa noTshobiso. Wathi kungangcono naye abize abantu bakowabo ukuze kuxoxwe eli tyala. Waqhubeka ethandana noYoliswa wakhe. | (3) |
| 4.2.11 | Naye angakwazi ukubondla. | (2) |
| | **Isicatshulwa B** | |
| 4.2.12 | NguSimeli noYoliswa. | (2) |
| 4.2.13 | NguNokwanda. | (1) |
| 4.2.14 | Uya kuba njani xa nalo emngxolisa / elwa naye / ukanti noNokwanda uyalwa naye. | (2) |
| 4.2.15 | Kaloku wayethandana noYoliswa ukanti unenkosikazi. Bakho bobabini entliziyweni yakhe. | (2) |
| 4.2.16 | YeyakwaDikela. | (1) |

**[30]**

**[100]**